Isikhokelo sabasetyhini

Ukuthintela
uMhlaza woMlomo
weSibeleko

TAC
TREATMENT ACTION CAMPAIGN

Umhlaza woMlomo weSibeleko
(umhlaza womlomo wesibeleko)

- Umhlaza womlomo wesibeleko unokubangwa ziintlobo ezithile ze-Human papilloma Virus (HPV). Nyaka ngamnye phantse ibe ngama-500,000 abasetyhini abaphathwa ngumhlaza womlomo wesibeleko, kwaye ama-270,000 ukuya kuma-300,000 bayasweleka ngenxa yesi sifo. Jikelele, umhlaza womlomo wesibeleko ngowona nobangela uxhaphakileyo wesibini obanga umhlaza kwabasetyhini, kwaye kumazwe amaninzi ngunobangela ophambili. Iipesenti ezisibhozo zokusweleka ngenxa yomhlaza womlomo wesibeleko (isi-8 kwishumi) zenzeka kumazwe asaphuhlayo, ngenxa yokunqongophala kweenkqubo zohlolo zokusibamba kusekwangoko isifo.
- Umhlaza womlomo wesibeleko uqhele ukuqala ukuvela malunga nakwiminyaka engama-20 esemva kokuqala kokwabelana ngesondo, ngoko ke kumazwe apho abasetyhini baqala ukwabelana ngesondo beselulutsha oluncinane, umhlaza womlomo wesibeleko uyakubonwa kakhulu kwabasetyhini mva kwiminyaka yabo yama-30 kunye nakwangoko kweyama-40. Kumazwe apho abasetyhini baqala ukwabelana ngesondo mva kwiminyaka yabo yeshumi elinento okanye kwangoko kweyamashumi amabini, uyakubonwa kwabasetyhini abadala ngeshumi leminyaka. Owona mgaqo-nkqubo ugqwesileyo iyakuba kukuhlola bonke abasetyhini ukusukela kwiminyaka engama-30 qho kwiminyaka emi-2.
- Umgaqo-nkqubo woMzantsi Afrika kukubonelela ngee-pap smears ezintathu xa ziphelele zasimahla ebomini bomntu xa buphelele, zithathwe ngokwamakhefu eminyaka eli-10, kubo bonke abasetyhini ukuba ngaba isimo sabo se-HIV asaziwa (kuqukwa nabasetyhini abakhulelweyo ukuya kuma kwiiveki ezingama-30). Ngoko ke kufuneka abasetyhini bahlowe xa bemalunga neminyaka engama-30, 40, nengama-50, kwaye kubonelelwa ngolandelelaniso kwaye unyango lweemvavanyo ezingaqhelekanga lunikwa simahla. Oku kuya kuba neempembelelo ezinkulu ekuthinteleni elona nani likhulu lomhlaza womlomo wesibeleko kuba kaninzi kuthatha ixesha elide ukuba iiseli ezingaqhelekanga zijike zibe ziiseli zomhlaza, kwaye ke ngoko kuchaphazele abasetyhini abadala kunabasebancinane.
- Umhlaza womlomo wesibeleko uxhaphake kakhulu kwabasetyhini abane-HIV. Yenye yeemeko ezimbalwa apho iiseli ezingaqhelekanga zinokubonwa ngohlolo **phambi** kokuba zibe ngumhlaza, kwaye umhlaza ke ngoko **ube nokuthintelwa**. Yimfuneko ukuba owasetyhini ngamnye owenza i-pap smear asiqonde isizathu sokwenziwa kovavanyo, ukubaluleka kokufumana iziphumo, kunye nokuba unyango lolandelelaniso lunokuba yimfuneko.
- Nawuphi na owasetyhini ofumana i-pap smear kwiziko lezempilo **kufuneka afumane umhla wokubuya kwixesha leeveki ezisi-8 ebuyela iziphumo zovavanyo**. Ukuba ngaba owasetyhini akazazi iziphumo zovavanyo lwangaphambii okanye iziphumo azifumaneki kwiirekhodi, kufuneka athathwe njengongahluzwanga kwaye enziwe i-pap smear. Le nkqubo yohlolo kufuneka ihlanganiswe **kwinkqubo yohlolo-lwebele** ukunyusa ukuqondwa koxilongo lwamabele kwaye ukuba kuyenzeka ukubona umhlaza webele.

Yintoni exhaswa yi-TAC?

1. Yenza i-pap smear yakho ukuba ngaba awunayo i-HIV (HIV-negative) kwaye uneminyaka engama-30 okanye ngaphezulu.
2. Yenza i-pap smear yakho xa kufunyaniswa isifo ukuba ngaba une-HIV (HIV-positive) kwaye qho ngonyaka emva koko.
3. Ukuba ngaba wopha ngokungaqhelekanga kwaye unolwelo olungaqhelekanga oluphuma kwilungu lobufazi, yenza i-pap smear.
4. Okwangoku, abo banako ukuthatha abantwana babo babase kwisitofu se-HPV kufuneka bakwenze oko. I-TAC iphembelela ukwehliswa kwexabiso lezi zitofu, kwaye ikhuthaza urhulumente azifake kwiikliniki zikawonke-wonke kunye nasezibhedlele.

TAC
TREATMENT ACTION CAMPAIGN

National Office 021 422 1700
Khayelitsha District 021 364 5489
Ekurhuleni District 011 873 4130
Mopani District 015 307 3381
Umgungudlovu District 033 394 0845
Gert Sibande District Office 017 811 5085
Lusikisiki District 039 253 1951/2
www.tac.org.za

Designs4development, www.d4d.co.za

IsiXhosa

Uwuthintela njani umhlaza womlomo wesibeleko

Izitofu zokuthintela i-HPV, intsholongwane engabanga umhlaza womlomo wesibeleko, phambi kokuba wosulele

Zibini izitofu ezikhusela kwiintlobo ezithile ze-HPV, ke ngoko ke oko kukuthi ekuveleni kamva komhlaza womlomo wesibeleko. I-Cervarix yenziwa yi-GlaxoSmithKline kwaye ikhusela kwiintlobo eye-16 neye-18, ezibanga malunga nama-70% omhlaza womlomo wesibeleko kwilizwe jikelele. I-Gardasil yenziwa yi-Merck kwaye ikhusela kwiintlobo eye-16 neye-18 ze- HPV, ngokunjalo nezinye iintlobo ezimbini zeentlobo ze-HPV ezibanga iintsumpa zelungu lobufazi. Kubalulekile ukuba isitofu sinikwe phambi kokuba intombazana okanye owasetyhini osemncinane aqale ukwabelana ngesondo, ngoko ke kukhuthazwa ukuba inikwe phakathi kweminyaka eli-10 kunye nama-26. Izitofu azinazo naziphi na iimpembelelo kusulelo osele lukhona lwe-HPV, okanye kumhlaza osele ukhona.

Kukho ezinye iintlobo ezibanga umhlaza ze-HPV ezingathintelwayo zezi zitofu, kodwa ke ezo ntlobo zingunobangela wezehlo ezimbalwa zalo mihlaza yomlomo wesibeleko. Zozibini izitofu zibiza imali eninzi (i-Gardasil Ibiza malunga nama-R900 ngedosi), kwaye ifuna ikhosi yeedosi ezintathu. Zombini iinkampani zizama ukusombulula imiba yamaxabiso, zenze ukuba amaxabiso ehle oko kwenze ukuba zifikeleleke ngokungaphaya. I-Merck inikela ngesi-3 sezigidi zesitofu (esonele abantu abaliwaka eli-1) kumazwe asaphuhlayo, kodwa ke ixabiso lokuthengisa elisezantsi elifikelelekayo kula mazwe yeyona nto efuneka ngamandla.

Iindlela zokufumana iiseli ezingaqhelekanga phambi kokuba kuvele umhlaza (phambi kokuba khona komhlaza) okanye zokunqanda umhlaza womlomo wesibeleko ukuba uqhubeke

Umhlaza womlomo wesibeleko unokuthintelwa xa ukungaqheleki kuqala ukuziveza (kwibakala le ‘zilonda ezinokuba nomhlaza) kwaye uphakathi kwalo mihlaza kakhulu inyangekayo ukuba ngaba ufunyaniswe kwangoko. Zininzi iindlela zokufumanisa umhlaza womlomo wesibeleko:

I-Pap smear – Le yeyona ndlela isetyenziswa ngokuqhelekileyo yokuthintela umhlaza womlomo wesibeleko. Yindlela elungileyo yokubona umhlaza ngaphambili, kodwa ke ifuna izixhobo ezikhethekileyo kunye nezakhono zobugcisa eziqhubele phambili ezingafumanekiyo kwiindawo ezininzi, ingakumbi kwimimandla yabahluphekayo kunye nasemaphandleni. Ifuna ukufakwa kwe-speculum (isixhobo esifana necephe) kwinxenye yelungu lobufazi, kwaye kuqokelelwe isampuli yencindi yomlomo wesibeleko (iiseli ezikumlomo wesibeleko). Iisampuli kufuneka zithunyelwe kwidolophu enkulu ukuba zihlolwe kwisibonelelo esikhethekileyo. Oku kukhokelela ekulibazisekeni, kwaye kufune ukuba owasetyhini abuyele iziphumo nto leyo ke kaninzi engenzekiyo. Ukuba ngaba isiphumo esingaqhelekanga sifunyenwe, kufuneka abizwe lowo wasetyhini, axilongwe mhlawumbi anyangwe okanye athunyelelwe unyango kwenye indawo.

Ukuhlola okunokubonwa (Visual inspection) nge-acetic acid (VIA) – Le yindlela enobuchwepheshe obusezantsi, kodwa ke iyathelekiswa ngokuchana kwayo ekusetyenzisweni kwe-pap smear kwimimandla ehluphekayo kunye nesemaphandleni. Ifuna ukufakwa kwe-speculum, kujongwa iimpawu ezicacileyo zokungaqheleki okanye zomhlaza, kuze ke kosulwe umlomo wesibeleko nge-acetic acid (iviniga) kwaye kujongwe iipetshi ezimhlophe, ezizimpawu zezilonda ezinokuba nomhlaza okanye iiseli ezingaqhelekanga. Ukuba ngaba izilonda ezinokuba nomhlaza okanye iiseli ezingaqhelekanga ziyafunyanwa, isigulane sinokunyangwa kusetyenziswa indlela ekuthiwa yi-cryotherapy ukuba iyafumaneka (oku kunqanda ukunabela kwiindawo ezijikeleze umlomo wesibeleko). Ukuba ngaba uyafunyanwa umhlaza, owasetyhini kuya kufuneka ukuba adluliswe ayokunyangwa.

I-VIA ayisetyenziswa ngokubanzi ngaphandle kokufaneleka kwayo kwiindawo ezinezibonelelo ezincinane kunye nokuba inokuchonga ukungaqheleki okuninzi. Abanye abasebenzi bezempilo bacinga ukuba i-VIA ingaphantsi kwi- pap smear, kodwa ubungqina abukubonisi oku. Kwakhona, kuba i-VIA ingafuni ukuba owasetyhini abuyele iziphumo, yenza ukuba unyango lunikwe ngolo suku lunye. Ukwenza ukuba obu buchwepheshe bulula bufumaneke ngokubanzi kufuneka kuthathelwe ingqalelo ngamandla ngabenzi bomgaqo-nkqubo wezempilo.

I-Colposcopy – olu luhlolo ngokusondeleyo lomlomo wesibeleko kusetyenziswa isijungqe sesixhobo esikhethekileyo. Esi jikelele asifumaneki ngaphandle kwesibonelelo sokhathalelo lwempilo senqanaba eliphezulu.

Abasetyhini abaphila ne-HIV nomhlaza wesibeleko, kunye nokuhlolwa kwabasetyhini abaphila ne-HIV

Bukhona ubungqina bokuba abasetyhini abane-HIV banokuba nomhlaza womlomo wesibeleko besebancinane, kunye nokuba isigulo singaqhubela phambi ngokukhawuleza. Yiloo nto umhlaza womlomo wesibeleko ngamanye amaxesha ubonwa nje ngesigulo esinxulumene ne-AIDS kwabasetyhini abaphila ne-HIV.

Nawuphi na owasetyhini one-HIV, kungajongwa ibakala lesifo okanye abe ukwii-ARVs okanye akekho kuzo, kufuneka enze i-pap smear emva kweminyaka engama-20. **Ukuba ngaba nawuphi na owasetyhini one-HIV unesiphumo esiqhelekileyo se-smear, i-smear kufuneka siphindwe kwiminyaka emi-3. Ukuba ngaba kukho iiseli ezingaqhelekanga ezikwibakala elisezantsi (ekuthiwa yi-LSIL), abasetyhini kufuneka babuyele ukuphindwa kwe-smear emva kweenyanga ezi-6. Ukuba ngaba owasetyhini usenayo i-LSIL emva kweenyanga ezi-6, unokuthunyelwa ukuba ayokufumana unyango. Nakuphi na ukungaqheleki kwebakala eliphezulu (ekuthiwa yi-HSIL)** kufuneka kulawulwe ngokufanayo njengakwabasetyhini abangenayo i-HIV **(ukuthunyelwa kwikliniki ye-colposcopy).**

Iindlela zonyango

Xa kucingwa ngalo naluphi na ungenelo ukufumanisa (njengoko kuchasene nokuthintela) isifo, yimfuneko ukucinga ngokuba unyango luza kunikwa njani na abo banemfuno yalo. Kwimihlaza yomlomo wesibeleko esele ikwibakala esele likude okanye esele iqhubele phambili, abasetyhini abaninzi abanalo ufilelelo kunyango olungaphaya kokhathalelo lokudambisa. Olu hlobo lokhathalelo ayilonyango, kodwa lwenza ukuba isigulane singaziva sigula kakhulu kwaye sikhululeke kwisigulo saso. Le yinto abo baxhasayo ekuya kufuneka ukuba basebenze kuyo ukutshintsha izinto msinyane njengesixhobo esingcono kwaye ke ngaloo ndlela abasebenzi bezempilo abangaphaya abanezakhono bayaphuhliswa.

Abasetyhini abaxilongiweyo kusetyenziswa i-VIA kwaye kufunyaniswe iimpawu ezingaqhelekanga, iiseli ezibonakalisa ukuba ungakhona umhlaza okanye umhlaza obonakele kwangoko nazo zinokunyangwa nge-cryotherapy. Obu bubuchwepheshe obunokusetyenziswa ngabongikazi abakwibakala eliphakathi loqeqesho kwisimo sempilo esisiseko kwaye kufuneka ukuba yenziwe ifumaneke ngokubanzi. Umthetho-siseko kuku “hlola nokunyanga” konke oko kwenziwe kutyelelo olunye ukuze kufunyanwe nabo basetyhini bangabuyeli iziphumo zabo zeemvavanyo. (Lo mthetho-siseko ngeke wenzeke xa kuthenjelwe kwi-pap smear.)